



Yintoni ekufanele uyazi:

- 1 Ukugonya yinto ozikhethela ngokwakho ukuyenza.
- 2 Izitofu ze-Covid-19 zivavanywe zacokiswa kumazwe ngamazwe nasekuhlaleni kwaye kukho ubungqina bokuba zikhuselekile kwaye ziyaebenza.
- 3 Izitofu zobonelela ngokhuselo kwi-Covid-19 emandundu. Zinika phantse ukhuselo olupheleleyo (100%) kukubhubha okunxulumene ne-Covid-19.
- 4 Esi sitofu asibangeli i-Covid-19.
- 5 Yinto eqhelekileyo ukufumana iziphumo ezingafunekiyo ezingephi, njengobushushu, isicaphucaphu kunye neengqaqambo zomzimba. Ezi ziphumo zidlula msinyane kwaye ziluphawu oluhle lokuba umzimba wakha ukhuselo.
- 6 Isitofu sibonelelwa simahla kwabo babhalisileyo kwiisayithi zogonyo. Ukuze usifumane, kumele ubhalise kuqala.

Indlela yokubhalisa ukuze ufumane ugonyo:

- 1 Yiya ku-westerncape.gov.za, uze ucofe kule linki yokubhalisa.
- 2 Bhala iinkcukacha zakho ezisisiseko, kuquka inombolo yakho ye-ID okanye yepaspoti.
- 3 Bonelela ngenombolo yeselfowuni, apho kuza kuthunyelwa khona nge-SMS isiinqisekiso sokubhalisa kwakho kunye neenkukacha zokubhukisha kwixesha elizayo.
- 4 Bonisa ukuba ungathanda ukwenziwa ugonyo phi, nini.
- 5 Faka iinkcukacha zakho zemedikhali eyidi ukuba unayo – ayinamsebenzi nokuba awunayo.
- 6 Jonga ukuba zonke iinkcukacha zakho zichanekile, uze ucofe kuzingenise. Isistimu iza kuthumela i-SMS engqina ukubhalisa kwakho kule sistimu. Xa ilithuba lakho, uza kufumana i-SMS yesibini enexesa nendawo yedinga lakho. Kuza kufuneka ubabonise yona kwisayithi yogonyo, kunye ne-ID yakho.
- 7 Ukuba ufumene isitofu esingamathamo ama-2, njengesitofu sakwaPfizer, uya kunikwa umhla wedinga lokulandeleta.



URhulumente
weNtshona Koloni

Thumela igama elithi '**REGISTER**' ku-**060 012 3245** ngoWhatsApp okanye dayela u-*134*832#. Malunga nokufumana inkkaso yokubhalisa, ctsalela ku-**0860 142 142**, okanye yiya ku-**www.westerncape.gov.za**